

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English / isiXhosa

| EkaTshazimpunzi 2018 Ushicilelo I

Fighting corruption is everyone's business



■ South Africans can work together with government to help rid the country of the scourge of corruption.



Anthem, flag, orders, coat of arms and symbols celebrate diversity

Page 6



Top educator makes maths a part of life

Page 11

CORRUPTION has no place in South Africa and government is calling on all citizens to act decisively to end dishonest and fraudulent conduct.

Corruption has taken centre stage in South Africa over the last few months in the wake of allegations of state capture and corruption scandals from private sector.

The allegations created a negative outlook for the country, especially with investors.

In his State of the Nation Address President Ramaphosa said "we must fight corruption, fraud and collusion in the private sector with the same purpose and intensity".

"We must remember that every time someone receives a bribe there is someone who is prepared to pay it. We will make sure that we deal with

both in an effective manner." However government cannot fight corruption alone and is committed to rooting out corruption in all forms in the private and public sector while calling on all citizens to play their part.

Corruption is the abuse of public resources or public power for personal gain.

While the police and other arms of government are at the forefront in the fight against corruption, ordinary South Africans have their own role to play.

Several ongoing investigations and a number of arrests show that government wants

● **Cont. page 2**



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

Free Copy

"For to be free is not merely to cast off one's chains, but to live in a way that respects and enhances the freedom of others."

Nelson Mandela



Umhobe, iflegi, iimbasa, imbasa yesizwe kunye neempawu zibhiyozela iyantlukwano

UNINZI LWAMALUNGELO axhatshazwa ngabantu baseMzantsi Afrika, kuquka elokuba bonke abemi abaneminyaka yobudala eli-18 okanye ngaphezulu bavunyelwe ukuvota, alwelwa nzima. La malungelo siwabhiyozela ngoTshazimpunzi minyaka yonke.



UTshazimpunzi yiNyanga yeNkululeko eMzantsi Afrika.

Ngexesha lale nyanga usuku lubekelwe bucala ukubhiyozela ukuqala kwenkululeko kunye nolawulo lwentando yesininzi kunye nemisebenzi eyimpumelelo yabo bonke abemi baseMzantsi Afrika ekushenxeni kwinzondo, ekwahlukaneni nakwimbali ebuhlungu ukuze kwakhiwe ikamva elifanayo kunye.

I-Vuk'uzenzele ijonga ukubaluleka kolu suku kwanokuba lithetha ntoni ngathi njengabantu baseMzantsi Afrika.

Ngomhla wama-27 kuTshazimpunzi kowe-1994 uMzantsi Afrika wabamba unyulo lwalo lokuqala lolawulo lwentando yesininzi olungacaluli ngokobuhlanga. Urhulumente omtsha wanyulwa phantsi kobunkokheli bukaMongameli uNelson Mandela ongasekhoyo. Mninzi umsebenzi owenziweyo kule kule minyaka idlulileyo, kodwa kusekuninzi okusadingeka ukuba kwenziwe ukwenzela ukuphucula ilizwe lethu kunye nokuguqula ubomi babo bonke abemi baseMzantsi Afrika.

Le nyanga ayiyiyo nje eyokubonisa ngomgama osele siwuhambile ukuza kuthi ga ngo njengelizwe, kodwa ikwalixesha lokuba uMzantsi Afrika ubhiyozele amaqhawe kunye namaqhawekazi alo ngeemBasa zeSizwe. Ezi zezona mbasa ziphezulu kakhulu apho ilizwe, lisebenzisa uMongameli walo, lizinikezela kubemi balo kunye nabemi bamazwe angaphandle abadumileyo nabahlontshwayo.

UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika

UMgaqo-siseko waqulunqwa ngokweSahluko sesi-5 soMgaqo-siseko wexeshana (uMthetho uNombolo 200 wowe-1993) kwaye wamkelwa kuqala yiNdlu yoQulunqo loMgaqo-siseko ngomhla wesi-8 kuCanzibe kowe-1996. Watyikitywa waba ngumthetho ngomhla we-10 kweyoMnga kowe-1996.

Iimpawu zethu zesizwe

UMzantsi Afrika wohlukile ngenxa yokuba sinokubhiyozela ukwahlukana kwethu ngeempawu zeSizwe nangeFlegi yeSizwe, ngoMhobe woMzantsi Afrika nangembasa yesizwe.

Iflegi yoMzantsi Afrika yohlukile. Yayilwa nguFred Brownell, owayesakuba kwiSouth African State Herald, kwaye yasetyenziswa okokuqala ngomhla wama-27 kuTshazimpunzi kowe-1994.

Imibala yeflegi ayinayo intsingiselo ethile ngoko ke ayikho into eyimeleyo evunywa jikelele ekufuneka idityaniswe nemibala yale flegi.

U-'V' kwiflegi ubonisa ukwahlukanisa kwezinto ezahlukeneyo zoMzantsi Afrika kwanokuhamba kunye indlela eya phambili ngokusingisele kwimanyano.

Ukuxhoma iflegi

Xa iflegi ixhonywe eludongeni ngobude, umgca obomvu kufuneka ube ngasekhohlo kulo mntu ujiyongileyo uze umphetho ongqindilili okanye eli cala lingena intambo libe phezulu. Xa imiswe ngokuxwesileyo, umphetho ongqindilili okanye eli cala lingena intambo kufuneka libe ngasekhohlo

kulo uyijongileyo uze umgca obomvu ube ngaphezulu. Xa ixhonywe ecaleni okanye ngasemva kwesithethi entlanganisweni, kufuneka ibekwe ngasekunene kwesithethi. Xa ibekwe kwenye indawo kwindawo yentlanganiso, kufuneka ibe ngasekunene kwabaphulaphuli.

Imbasa yeSizwe

Imbasa yesizwe, ikwaziwa njengomqondiso wesizwe, lelona phawu lesizwe libonakalayo nelihlonitshwayo.

Imbasa yeSizwe iluphawu olubonakalayo lestampu sesizwe. Uxwebhu olunophawu lwestampu sesizwe kuthetha ukuba elo xwebhu lisuka kwabasemagunyeni abaphezulu kwaye alunakutshintshwa kuba ligunyaziswe laze lavunywa nguMongameli waseMzantsi Afrika.

Imbasa yesizwe yaseMzantsi Afrika yaphehlelelwa ngoSuku lweNkululeko ngowama-2000. Izinto ezikuyo zilungiselelwe ngendlela ebonisa ukuzinza kunye nondiliseko.

Umngqele okwimbasa yesizwe, "Ike e: /xarra //ke" ubhalwe ngolwimi lwesiKhoisan, futhi uthetha ukuba abantu abohlukeneyo bayamanyana.

UMhobe weSizwe

UMhobe weSizwe sethu wohlukile njengoko uculwa ngeelwimi ezine. UMhobe weSizwe waziswa ngowe-1997. Yinguqulelo emfutshane yemihobe emibini edityanisiweyo (u-'Nkosi Sikelel' iAfrika' kunye ne-'The Call of South Africa'/'Die Stem van Suid-Afrika'); eyayiculwa phakathi kowe-1994 kunye nowe-1997.

On social media...

Comment on President Cyril Ramaphosa's visit to all national departments to engage with staff and senior leadership.



Like

Comment

Princess Lobi and Miyelani Donald like this.

Top comments

1 share

John Kazembe Man of his words
1w

Comment on President Cyril Ramaphosa's withdrawal of the appeal at the Constitutional Court against the court ruling that NPA head, Shaun Abrahams should leave his position.

Thabiso T Man Serape Good president, you don't hv time to run for court appearance while ppl wants service delivery, let Zuma and his friend Abraham's sort that mess
2w · Edited

Moeketsi Tsotetsi Lead us Mr Ramaphosa, we're on a mission to rebuild with you
2w

Comment on a R1,5 billion investment for entrepreneurs by the Department of Small Business Development.

Monamaton Chego Lekhine in the squatta camps there is still families living and need services like internet cafes services for data processing. How is this going to help someone like me with such entrepreneurial ambitions living at the skwatta, camp, jobless the electrical connections are izinyokas.
1w · Edited

Comment on President Cyril Ramaphosa's visit to the Department of International Relations and Cooperation.

Sebata Majadingwe Salute
4 February at 11:36

Comment on the demolishing of a house used as a brothel in Klerksdorp, North West following a successful forfeiture order granted by the North Gauteng High Court.

Thabiso T Man Serape Great news of the morning
3d

Sivuyile Siheya Great news of the morning indeed
3d

Iimpawu zesizwe sethu zezi zilandelayo:

- Isilwanyana sesizwe, ibhadi
- Intyatyambo yesizwe, isiqwane
- Umthi wesizwe, umkhoba
- Intaka yesizwe, indwe
- Intlanzi yesizwe, i-galjoen